



# Ukuxhasa imfundo yasekhaya engamiselekanga

*Isikokelo sabazali kunye nabakhathaleli  
babantwana abancinci*



**Ibhalwe ngu: Brigid Comrie**

# Iziqulatho

- 1 Ulwimi
- 2 Ukuthetha nokumamela
- 3 Ukubalisa amabali akho
- 4 Amabali neencwadi
- 5 Ukuzoba nokuqalisa ukubhala
- 6 Ukuzenzela iincwadi zenu ezincinci
- 7 Okushicilelweyo kwiindawo eziningqongileyo
- 8 Oonobumba namagama
- 9 Izicengcelezo neengoma
- 10 Imidlalo emamelisayo
- 11 Ukuva kakuhle
- 12 Izibalo ziyonwabisa – Ilizwe lethu liyiklasi yethu
- 13 Unxulumano olunothando nokwethembana

# 1 Ulwimi

Masincokoleni kunye! Siyazi ukuba ulwimi nezakhono zokunxibelelana zisisiseko sokufunda okwenzekayo kwezinye izigaba zobomi kwilixa elizayo. Uninzi lwabantwana luyakwazi kwaye luyakonwabela ukufunda ngaphezulu kolwimi olunye. Kumabanga aphantsi kubaluleke kakhulu ukuba abantwana bafunde ukufunda nokubhala ngeelwimi zeenkobe. Nceda umntwana wakho ukuba akwazi ukumamela ngokugqibeleleyo kwaye athethe ngokuzithemba.


# 2 Ukuthetha nokumamela

Abantwana bafunda ulwimi emakhaya nasekuhlaleni. Bafunda ngokumamela, ngokuthetha nangokudlala nabanye. Imibuzo abayibuzayo iyabancedisa xa befunda ulwimi. Mkhuthaze umntwana wakho ukuba athethe. Mbonise umntwana wakho ukuba unomdla kwinto ayenzayo nayithethayo: mamela uze umphendule.



Thethani ngezinto eziningqongileyo emakhaya, eteksini, evenkileni njalo njalo, nize nithethe nangemifanekiso, ngeencwadi nangeemagazini. Kufuneka uyazi into yokuba kufundwa ngeempazamo. Mmamele umntwana uyiqonde into yokuba akunyanzelekanga ukuba umlungise ngalo lonke ixesha. Uza kufunda ngokukumamela - ungumzekelo kuye.

Thetha nangendlela aziva ngayo: “ndiziva.....kuba.....”



# 3

## Ukubalisa amabali akho

Baliselanani amabali, nimamelane. Abantwana bayakuthanda ukumamela amabali onwabisayo ngeefemeli zabo. La isengaba ngamabali okukhula kwakho okanye awangelixa abantwana bakho babesebancinci kakhulu. Mkhuthaze umntwana wakho ukuba akubalisele ngezinto azenzayo nabanye, iindawo ezikhethekileyo abaphumela kuzo, izinto ezibonwabisayo, ezibakhathazayo neziboyikisayo. La mabali angaba sisiqalo sencwadi yomntwana wakho yokuqala.



Balisani amabali kunye: Thethani ngezinto eniza kuzenza – ukuthetha ngelixa elizayo OKANYE ngezinto enizenzileyo – ‘ukuthetha ngezamandulo’. La ‘mabali’ alula ayeyona ndlela ilula nedaliweyo abantwana abafunda ngayo ulwimi nokuba ngoonobalisa abagqibeleleyo.





## Amabali neencwadi

Abantwana bayakonwabela ukubuka iincwadi, ukumamela nokuthetha ngamabali nokubalisa awabo amabali. Iincwadi zinceda abantwana ukuba bafunde ngezinto ezininzi ezahlukeneyo. Ngokufunda kunye nokuthetha ngamabali eniwafundileyo abantwana bafunda:

- Ukumamela nokuzikisa ingqondo
- Amagama amatsha nokufunda kabanzi ngolwimi
- Kabanzi ngobubona, iimvakalelo zabo kunye neemvakalelo ngelizwe elibangqongileyo
- Ukucinga! Umzekelo – Kuza kwenzeka ntoni ukuba....Okanye nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngoku
- Ukukhumbula iinkcukacha ngamabali kunye neziganeko ngokulandelelana kwazo
- Ukuthanda iincwadi namabali

NDINIKE IINCWADI,  
NDINIKE IIMPIKO  
ZOKUBHABHA!



Beka ixesha lamabali yonke imihla. Oomakhulu, oobhuti okanye oosisi abadala bangaba ngabafundi noonobalisa bamabali nabo. Ndwendwela ilayibhrari/ithala leencwadi lenu wabelane ngeencwadi nabahlobo. Thethani ngamabali eniwafundileyo nize nibuzane imibuzo.

Ukubalisa nokufunda amabali ngendlela ebandakanyayo abantwana yenye yezinto ezibaluleke kakhulu abazali abangazenza nabantwana ukuxhasa imfundo yabo.

# 5

## Ukuzoba nokuqalisa ukubhala

Khuthaza umntwana wakho ukuba azobe. Yenza ixesha nendawo yokuzoba. Thethani ngemizobo KODWA musa ukuhlelekisa ngemizobo yabo okanye ubagxeke.




Ukhangeleka unika umdla umzobo wakho. Ungandibalisela ngawo?

Ndenze umfanekiso wangala mhla utata wayebambise impuku.

Khuthaza umntwana wakho ukuba ahlole iindlela zokubhala – “Abhale nje!” Abantwana bafunda ngokuzama, ngokuhlola nokuziqhelanisa. Besebancinci abantwana kufuneka bayiqonde into yokuba ukubhala kuluncedo, kwaye kunenjongo. Izibhalo zokuqala zingakhangeleka okwamarhoqololo, le yindlela ukubhala okuqala ngayo – khuthaza abantwana bakho kwaye uqhubeke ubhale nabo.

Ungamkhuthaza umntwana wakho ukuba enze ezi zinto zilandelayo:

- Azobe okanye abhale ngezinto anamava azo
- Afakele iilebhuli kwimizobo aze ongeze nezinto ezithethwayo
- Afakele iilebhuli kwizinto zabantu abohlukeneyo
- Enze uluhlu lwezinto ezifana noluhlu lwezinto eziza kuthengwa okanye uluhlu lwabahlobo
- Abhale ngeenjongo zokunxibelelana – bhalela abantwana bakho imiyalezo neleta uze wonwabele abakubhalela zona






# 6

## Ukuzenzela iincwadi zenu ezincinci

Abantwana bayakuthanda ukuzoba imifanekiso nokuzenzelwa iincwadana zabo. Ungaqala nje lula ngokukhuthaza abantwana ukuba bazobe imifanekiso emi-3 okanye emi-4. Ungawadibanisa amaphepha abazobe kuwo ngesitepula okanye uwathunge ukwenza incwadi encinane. Buza umntwana wakho omcinane imibuzo ngemifanekiso yakhe kunye nento afuna ukuyibhala. Bhalani kunye phantsi kwemifanekiso nize nifunde izivakalisi kunye. Ezi ncwadi ningazenza kunye ze imifanekiso zenziwe okanye kubhale umntwana wakho. Zingaba ziincwadi ezingezihloko ezithile eziquka: Ifemeli yam; Ukuvuka kusasa; Ukutya endikuthanda kakhulu; uMakhulu Wam; Incwadi ye-alfabhethi. Abantwana bayakuthanda ukwenza iincwadi ezinamabali abasele bewavile.

Yenzani iincwadi ngolwimi lwenu lwasekhaya nangolwimi olusetyenziswa esikolweni (ukuba lwahlukile). Khumbuza abantwana bakho ukuba banike iincwadi izihloko, ababhali kunye neenombolo zamaphepha. Bangasebenzisa neentetho zabalinganiswa kwalapha.



# 7

## Okushicilelweyo kwiindawo eziningqongileyo

Abantwana bayakuthanda ukufunda okushicilelweyo okanye okubhaliweyo kwiindawo ezibangqongileyo. Ungabakhombela amagama awohlukeneyo. Imizekelo iquka iimpawu zasendleleni ezifana noSTOP; izinto ekupakishwe kuzo ukutya okanye iinkonkxa namagobhogobho afana nawoBISI okanye iNTLANZI; amagama eevenkile okanye eegaraji; amaphephandaba okanye amaphetshana olwazi.



Dlalani imidlalo ngamagama kunye nize nicine amaphetshana olwazi kunye neebhokisi zokutya ezingenanto nenze ngathi ninevenkile wena nomntwana wakho.

Phambi kokuba uye evenkileni khuthaza umntwana wakho ukuba abhale uluhlu lwezinto eziza kuthengwa. Ningazikhathazi ngopelo oluchanekileyo.





# 8

## Oonobumba namagama

Abantwana bafunda lukhulu ngamagama noonobumba xa bedlala. Ningadlala ngokubhala igama lomntwana wakho esantini. Ngale ndlela, umntwana wakho uyabona kwaye eve indlela amagama akhiwa ngayo. Ningawakha amagama nisebenzisa iimbotyi, imicinga yomatshisi okanye udongwe.



Dalani imidlalo nisebenzisa amaphephandaba okanye iimagazini: khethani unobumba okanye igama ze nikhangele ukuba nilibona amatyeli amangaphi ephepheni. Fakelani isangqa kunobumba okanye egameni. Dalani imidlalo nangetshati yenu yealfabhethi: khethani unobumba nize nikhangele into okanye nisike imifanekiso eqala ngalo nobumba.

# 9

## Izicengcelezo neengoma

Culani nize nenze zonke izicengcelezo neengoma kunye. Xa nikunye ningazenzela iincwadana zezicengcelezo nezeengoma. Ukwenza izicengcelezo kunceda abantwana kupelo ngokwenza kube lula ukwakha "iifemeli zamagama" ekuhambeni kwexesha esikolweni.



## 10 Imidlalo emamelisayo

Cela umntwana wakho ukuba avale amehlo akhe, amamele izandi ezahlukeneyo. Cela umntwana wakho ukuba abize izandi uze ubuze: besivakala kude okanye kufutshane; besikhwaza okanye siphantsi, uyayazi into eyenza esa isandi?

Imidlalo onokuyidlala ngezandi emagameni:

- Khetha isandi sikanobumba uze ubone ukuba mangaphi na amagama onokucinga ngawo, aqala ngesi sandi.
- Khetha isandi sikanobumba nehlelo esikulo – olufana namagama okutya/ amantombazana okanye amakhwenkwe uze ubone ukuba mangaphi na amagama onokuwacinga aqala ngalo nobumba.
- Dlalani kunye umdlalo othi, “Ngeliso lam, ndibona”: Umntu omnye uqala ngokukhetha into egumbini okanye emfanekisweni. Abanye abadlali kufuneka baqashele igama layo. Kufuneka usibize isandi sikanobumba wokuqala egameni. Ungakhomba unobumba nakwitshati yealfabhethi.
- Qhwaba amalungu egama umzekelo (i-ta-pi-le) (itapile). Qala ngokuqhwaba abamagama abo bonke abantu efemelini umz. Za-ne-le, Ash-raf, Pe-ter.

## 11 Ukuva kakuhle – lingcebiso

Njengoko nisazi ukuva kakuhle kubaluleke kakhulu xa kufundwa. Qaphela uze uphaphame ngokukhawuleza – ukuba uqaphela ukuba umntwana wakho akeva kakuhle, mse ekliniki ukuyokuhlola iindlebe zakhe. (Nceda ucele ingxelo kumongikazi okanye kugqirha uze wazise utitshala.)

## 12 Izibalo ziyonwabisa – ilizwe liyiklasi yethu

a. **Amanani – Ukwazi indlela amagama amanani alandelelana ngayo:**

Qala ubale ngendlela elula ukusuka ku-1-5 (umz. Bala iminwe yesandla esinye) uze ubale uye kwi-10 unyuke; cula iingoma zamanani nenze nezicengcelezo kunye; qhwabani izandla nimatshe nidanise; khangelani amanani aningqongileyo, afana neenombolo zezindlu, iinombolo zeepleyiti zeemoto, iinombolo zomnxeba okanye iinombolo zemali ezingqekembe.

b. **SENZA ntoni ngamanani: ukusebenzisa amanani namagama amanani; ukutshatisa amanani nenani lezinto:** Balani izinto zemihla ngemihla, niqale kwi-10, ninyuke niye kuma-30 ninyukele; Qaphela ingqiqo yomntwana wakho yamanani namagama amanani. Umzekelo: Siba-6, ungabala amacephe ama-6; yabelanani ngezi lekese zili-12 ngokulinganayo phakathi kwenu noba-4 – uza kufumana zibe ngaphi umntu ngamnye? IHafu – sika iapile libe yihafu, songa ilaphu letafile ehafini, bonisa ihafu yenani leelekese. Xa nisiya kuthenga, cela umntwana wakho ukuba akuncedise. Ningazenzela nosinga venkile ekhayeni nizenzele nemali noluhlu lwezinto eziza kuthengwa.




c. **Dlalani imidlalo kunye:**

Dlalani umdlalo wamadayisi kunye nizenzele neminye imidlalo. Ukwenza imidlalo ilungele abantwana beminyaka ethile – Ungakwazi ukuwenza umdlalo ubenzinyana kubantwana abadadlana? Dlalani imidlalo kunye – YONWABANI ningakhuphisani.



**d. Ukusombulula iingxaki:**

Khuthaza umntwana wakho ukuba akuncedise ukusombulula iingxaki ezilula zemihla ngemihla kwaye nifumane izisombululo eziqiqiweyo. Umzekelo: “Siba-6 kwaye sinama-apile ama-3 kuphela –Siza kuwaba njani ngokulinganayo?”



“Ndiya evenkileni ukuyokuthenga ubisi. Luxabise i-R5.00 kodwa ndine-R3.00. Kufuneka ndongeze malini?”

**e. Ukuqikelela:**

Khuthaza abantwana ukuba bacinge kwaye bakhangele iimpendulo eziqiqiweyo zeengxaki ezilula okanye imibuzo elula. “Inokuba zingaphi iitapile kule pakethe? Ucinga ukuba zingaphi? Masijonge.”

**f. Ukutshatisa, ukuhlela, ukukhangela iiphatheni nokuncokola kangangoko ngemibala:**

Ningaqala ngokukhangela iiphatheni kwindalo, umz, kumaqokobhe okanye emagqabini, nize nithethe ngendlela afana okanye ohlukene ngayo. Cela abantwana ukuba bahlele izinto ekhayeni ezifana neempahla eziza kuhlanjwa, amaqhosha, okanye izikhonkwane, nize nincokole ngendlela izinto ezifana nezahluka ngayo. Yonke le misebenzi incedisa abantwana ukuba BAQAPHELE kangangoko. Isisiseko sezibalo kunye nesezenzululwazi kwaye incedisa xa abantwana beqala ukufunda nokubhala.



**g. iPhazile – zenzeleni ezenu iiphazile:**

Sikani imifanekiso nize niyincamathelise kwisitshwenqu sekhadibhodi, yikhavarisheni ngeplastiki ebonisayo ukuba kuyakwazeka. Emva koko sika umfanekiso ube ngamacala ama-4 okanye ama-6 ukwenza iphazile.



**h. Inqiqo nokuncokola ngokwenza imilinganiselo:**

Yenza imilinganiselo (metani) yezinto ekhaya. Umzekelo: yenzani umlinganiselo womphakamo wabantu efemelini, sebenzisa kuqala izandla zakho okanye ezomntwana wakho ukwenza imilinganiselo ze emva koko nisebenzise irula. Phekani kunye nize nenze imilinganiselo yezinto ezahlukeneyo enizisebenzisayo ukupheka. Dlalani ukwenza imitsi emide nize nenze imilinganiselo yemitsi yenu. Ncokolani ngobude nobufutshane. Yenzani umlinganiselo wezihlangu zabantu efemelini yakho nize nizidwelise ukusuka kwezona zincinci ukuya kwezona zikhulu.



Whowu, wenza kakuhle! Ndiza kumeta ukuba nditsibele kude kangakanani.



Sukuyiqinisa intlama. Xa iqinile iibhiskithi azizukuphuma kakuhle. Kodwa ukuba intlama ithambe kakhulu, ziza kuqhekeka.

Ilungile ngoku, Mama?





i. Ukwazi malunga nendawo kunye neemilo:

Ncokolani ngeebhokisi neebhola – yintoni umahluko? Ewe, ibhokisi inekona ze yona ibhola ingabinazo. Kutheni sikwazi ukuqengqa ibhola? (Kuba akukho zikona ebholeni – ingqukuva kodwa yona ibhokisi inekona - iyityhubhu.) Ngoku, ncokolani ngecala lebhokisi – limile njani? Lisikwere okanye lixande ngemilo. Khangelani amaxande kunye neebhokisi egumbini. Emva koko khangelani izangqa kunye noonxantathu. Qhubekani nibuza imibuzo efana nale: yeyiphi enkulu/encinci? Zingaphi iikona kunxantathu? Funani imizekelo yokutya eneemilo ezingunxantathu, okufana neesangweji, isamoosa neelelese ezahlukeneyo. Sikanikani iimilo kunye nenze nemifanekiso kunye. Yakhani izakhiwo eziphakamileyo 'neenqaba' kunye nisebenzisa iibhloko zamaplanga okanye ezishiyekele kumsebenzi obusetyenziswa.







KUTHATHA  
 IMIZUZU  
 EMBALWA  
 KUPHELA  
 UKWENZA  
 UMAHLUKO  
 OMKHULU!





*Sibulela kakhulu oothitshala, iinqununu, abazali kunye nabakhathaleli babantwana kuzo zonke izikole ezithabathe inxaxheba kule nkqubo nokuyanceda ukuba ikhule.*

*Lo msebenzi wenzeke ngenkxaso emandla evela kwi-DG Murray Trust.*

*Imifanekiso ngu: Helga Hoveka*

*Abaguquleli: IMasihlangane Communications, uXoli Guzula kunye noMagdel Janse van Rensburg*

*Idizayini ngu: Jacqui Botha noOrli Setton*